# ISINIKEZELO

Kuni nonke lusapho lwam ngokulandelana kwenu: MBULELO, ZOLILE, LULAMA, THOZAMA NONYAMEKA ndinikezela le ncwadana *uZonwabise* ukuze nimana ukuzonwabisa ngokuyifunda okanye nide nizikhethele okuluncuthu apha kuyo nikuhlafune de nikunambithe.

Owenu umzali

TATATA

*Mlamboville*
*Ncambedlana*
*P.O. Umtata*

# ISIQULATHO


| | |
|---|---|
| ISIYALO KUBAFUNDI | 1 |
| USAPHO | 2 |
| INGQINA | 3 |
| UQHWITHELA | 4 |
| UBUSUKU | 5 |
| UMNYAKA KA-1953 | 6 |
| EMARIKENI | 7 |
| UMBANE | 8 |
| INGWE NENGONYAMA | 9 |
| IKHAYA | 10 |
| ABAHLOBO | 12 |
| UMZIMVUBU | 13 |
| USASA | 14 |
| UNAPOLE ON UMFRENTSHI | 15 |
| PHAMBILI MAWETHU | 16 |
| ITORO | 18 |
| INGXINGWA YENCOME | 19 |
| ETHONGWANA | 20 |
| ZAKHAL' IINKUKU | 22 |
| ISANUSE | 23 |
| UKUTSHILA KWABAKHWETHA | 25 |
| UMVANDEDWA | 26 |
| IMINI YEHLOBO | 27 |
| IMBEKO | 29 |
| ELUGQATSWENI LWAMAHASHE | 30 |
| UTYELELO LWERULUNELI-JIKELELE EMTHATHA | 32 |
| EDABINI | 33 |
| UMBIKANYE | 34 |
| INDALO | 35 |
| IIMVIWO | 36 |
| KULONTLIZIYO | 37 |
| UNONZWAKAZI | 38 |
| INTAK' OBUSI | 39 |
| UKUKHUTSHWA KWAMAKHWENKWE ESUTHWINI | 41 |

ISIQULATHO

UKUHLOLELA UMFANA 42
EWE KE 1960 44
UTHEMBEKA 45
UMJIKELO KAPROFESA JABAVU 47
UKUTHWESWA KWEKUMKANIKAZI YEBRITANI ISITSABA 49
KWELO ZWE 50
IMVULA KAMEYI KOWE-1959 51
INYOKA UMAJOLA 53
UKUGWETYWA KWEMVANA 54
WEMKA UTHANDIWE 55
NGOMFI UEZRA W. M. MESATYWA 56

# *ISIYALO KUBAFUNDI*

1. Khanithi xha bafana nani zintombi,
Lucwambu lwesizwe nibek' indlebe;
Isiyalo asinto yakha yanabubi
Ze nichole niginye de ninambithe.

2. Niliqhayiya nebhongo le-Afrika
Iqanda elityeketyeke lesizwe,
Niyafuthwa niyaphekwa lusatshana
Zeniphume nivuthwe nagqibelela.

3. Kwiingqondo zolwazi olwaneleyo,
Kwiingcinga zokumela isizwe,
Kumava okuchana okufunekayo
Kubuchule bokuvusa isizwe.

4. Imfundo ayigezisi makwedini,
Ulwazi alugwagwisi zintombindini.
Zeniyithwale niqamele ngelizwi
LoSomandla owoninika umzingisi.

5. Zenilibeke phantsi ikratshi bo,
Licholwe zizinto ezingenangqiqo.
Ze nizoyike iziselo ezinxilisayo,
Zifanele izinto ezingenanjongo.

6. Zenihloniphe nihlonele mawethu:
Yintsika nendoqo yesizwe senu;
Ihlazo nenyala nizicekise;
Zesinithulele umnqwazi isizwe.

7. Amasiko esiNtu niwakhumbule,
Ningaphaphi nalawo asemzini;
Izithethe zesizwe nizigcine,
Niyibukule intlalo yobuhedeni.

8. Zeningayivumi into engalunganga
Ilukuhle isizwe sakowenu;
Nikhokele isizwe ngokuthembakala,
Kub' isizwe sixhomekeke kwinkokelo yenu.

9. Ndingathini na ukuthetha nani bafana ?
Ndenje njani na ukuniyala mantombazana ?
Mandiyeke noko ndithi kutsho kwakhanya;
Manditshonele noko amade ngawetyala.

## *USAPHO*

1. Luyabonakala usapho
Phakathi kwalo ikhaya;
Luyabukeka ke usapho
Luyaluzela phakathi kwekhaya.

2. Nanko ke umnikazi-khaya
Eluhlanganisa usapho lwakhe;
Nanko ke nomnini-khaya
Eququzela esondla usapho.

3. Nank' chamba umnini-khaya
Ephalaphalela isonka sosapho;
Nanko ke nomnikazi-khaya
Eluyalela usapho lwakhe.

4. Khangela ukonwaba kwabantwana
Besebenza ngenyameko enkulu;
Khangela isimilo sabantwana
Bephendula ngembeko enkulu.

5. Kuluvuyo kuyadlalwa lusapho,
Akukho chuku phakathi kwalo;
Luyathandana lubukana usapho,
Umona awukho phakathi kwalo.

6. Likhaya elihle ngenene
Lomzali nomzalikazi;
Lifume kakuhle ngenene,
Lelomzali naye umzalikazi.

## *INGQINA*

1. Lithe lakuthi futhu ilanga
UVatoyi wasibetha isigodlo,
Yavakala imikhwazo yamadoda,
Nezinja zaqala ubuxokoxoko.

2. Abazingeli baqubule izagweba
Zokubhulisa iinyamakazi ematyholweni,
Ukuze bazichane ngezagweba,
Bavuse neentaka emadotyeni.

3. UMphathi-ngqina ulwenzile ulawulo
Ekhupha amahlelo ngamahlelo:
ElikaBhaylam likhonjwe eMpuma
ElikaJayvan lanxusa iNtshona.

4. Yavakala ingxolo yeenyamakazi
Neyezinja zilanda imikhondo,
Zaphuphutheka zonke iinyamakazi,
Bazosela abazingeli ngeentonga.

5. Imivundla, imiqha neembila
Yabubugeqe ukubulawa kwazo;
Iimpunzi, amaqaqa neembabala
Zafunyanwa busulu nazo.

6. Kwalile ekujikeni kwelanga
Sakhala isigodlo kwakhona,
Kwathwalwa amaxhoba kwagodukwa
Kukhw' ithemba lokupheka nokuqoma.

# *UQHWITHELA*

1. Moyandini uvuthuzayo
Uphuma phi na ulwile nje ?
Liphi na ikhaya lakho,
Sewumdaka ngathi akuhlambi nje ?

2. Ubuvuke nini na ngale ntsasa
Sewugquthe-gqutheza nje ?
Uhlangene nani na ngale ntsasa
Ekubangele lo msindo unje ?

3. Bekutheni na ukuze umke nothuli
Ulushiyise ikhaya lwalo ?
Akuwoyiki na umhlaba ngolu sizi
Lokuthabatha umntwan' awo ?

4. Zingaphi na izindlu oziwisileyo
Ekuzeni kwakho kweli cala ?
Mingaphi na imithi ephephukileyo
Kukoyiswa ngamandl' akho moya ?

5. Ubuthunywe ngubani na kade
Ukuze uhambe le ndlela ?
Usinga kuliphi na ilizwe
Eli liyiwa ngomsindo ongaka ?

6. Yid' uthothe bonwabe abantu,
Qhuthendini olomisa umhlaba,
Uzuthumele imvula kubantu,
Babenako ukusebenza umhlaba.

# *UBUSUKU*

1. Xeshandini elimnyama khutsa,
Sikhunzuba esingathi siqatywe umsizi,
Wawutheni na ukuze ubonakalise ukutsha
Ngokokude ubange olunje usizi ?

2. Kakade khawutsho uphuma phi na
Ungathi useluhambeni nje ?
Yini na ude uxwebe ube nje
Ngokungathi uyimpatshanga ?

3. Ubuhlaleleni na de ulale,
Zeukukhanya kude kukushiye ?
Cel' inyanga ikukhanyisele,
Ukuze nawe ungashiywa bubusika.

4. Bekuphithizela imini yonke
Konwatyiwe yindalo yonke,
Ilanga liwufudumezile umhlaba
Negazi latsho lahlahlamba.

5. Wakufika wena xeshandini
Sangqwatha sanga siziimpabanga,
Sanamanwele sakoyika xeshandini
Kub' ilizwe ligqunywe bubumnyama.

6. Khwautsho ke wethu busuku
Wen' ukhetha ukuhamba emnyameni,
Yini na le uyifihla ebusuku
De uyisebenze nasemnyameni ?

7. Wena ke uzal' izigebenga
Namaramco asitsho sinkwantye,
Sizibone sesityhoba singaqondanga
Sibethelwe ziimvalo de sirwaqele.

8. Wena busuku ugusha izimanga
Ezenzeka ngelixa lobumnyama,
Makuvele ukukhanya ngebhaqo
Zodula elubala ezobumnyama.

9. Singathini na ukukugxeka busuku,
Kuba kaloku ulixesha locwangco ?
Impepho emyoli yasebusuku
Isinika obumnandi ubuthongo.

## *UMNYAKA KA-1953*

1. Nikhe neva na zizwe
Ukuba u-1953 akaphilanga ?
Niqonde kakuhle na zizwe
Ukuba egumbini akulalwanga ?

2. Sewude lo mnyaka wayolela
Kubongi bawo apho egumbini,
Wayixela nemini yokuselelwa
Ekupheleni kwenyanga uDisemba.

3. Sebedlule batshonela o-1952,
Baya kusithela kwelinye ilizwe,
Sesijonge ukungcwaba u-1953
Aze naye alishiye eli lizwe.

4. Sithi ndlelantle ke 1953
Kunye nezakho osibonise zona,
Sisafuna ukubona u-1954
Nemikhuba azakusizisela yona.

5. Asizilibali zonke izimanga
Ezenzeke ngexesha lakho,
Ukufa kweKumkani yamaNgesi
Nokubekwa kwentombi yayo.

6. Ukuphalala kwegazi eKorea,
Ukubulawa kwabantu eKenya;
Izixovuxovu kumZantsi-Afrika
Nenguqulo kwimpatho yama-Afrika.

7. Ezakho zibuhlungu iindaba,
Wena nyakandini wezigigaba:
Uvuyisile kwabanye abantu,
Walilisa kwabanye abantu.

8. Fuduka naloo ntsapho yakho ininzi
Ishumi elinesine labantwana,
Ngulowo usibonise izinto ezininzi,
Sakhuza, sothuka, sada sancama.

9. Hamba ke ntokazi yasemzini
Uyokuphumla kuloo mhlab' ubandayo,
Usiyeke sikhe singcamle emazimbeni,
Sisonwaba kumnyaka ozayo.

10. Usishiya neemini eziqaqambileyo,
Ezelanga elimnandi lehlobo,
Iimvula zingumthombo ongatshiyo,
Kuluvuyo kuyo yonke indalo.

## *EMARIKENI*

1. Ndikhe ndee tsii emarikeni
Ngentsasa yosuku lwezolo,
Yayinkungu nelanga emarikeni,
Abantu beentlobo ngeentlobo.

2. Ndakungena apho kwelo poma
Inene indaba yetyelo ayikholi;
Ndaphandlwa yimveliso ndakuyibona
Imifuno neziqhamo zabathengisi.

3. Ndafana ndee nkebe ngokwenketyemba
Ndibukele ukuphithizela kwabathengi,
Ndazibona ndifane ndangxanga,
Ndothuka sendigilwa ngabathengi.

4. Ndaqwalasela ngolukhulu unonelelo
Intengiso yayo loo mveliso,
Amaxabiso chamba ngoxhumaxhumo
Nabathengi beshiyana ngotyefezo.

5. Wem' emile yena umthengisi
Ewucoselela loo msebenzi wakhe,
Wabizela ngokwentak' obusi
Elamkela iqhosh' elingenamthunja.

6. Bayidywida-dywida imifuno ngenene,
Kwathi nyaa kwakhal' ibhungane,
Bathutha-thutha bada bakhothuluza
Yaangulowo wacinga ngokugoduka.

## *UMBANE*

1. Nyushu yesibhakabhaka,
Mabonw' angangebonwe,
Kubawuthi akuvela
Alekuze aphekuze.

2. UTshawuza barwaqele
Agqib' ilizwe ngephanyazo,
Abhinyilize aphikilinge
Phezu kweentaba nemilambo.

3. Nyok' eyoyikwa nangugqoloma
De iqukule nenkanyamba,
Iqandusele phakathi emhlabeni,
Kub' ayifukami njengenkanyamba.

4. Yatyityimba yatyibilika,
Yantenteza yathebeleza,
Yankcenkceza yacengceleza;
Kwee minxi kwanyembeleka.

5. Yatsho yabangqungisa abantu,
Waphela cwaka upahaha;
Bee phithi bee phuku abantu,
Ucihoho yena wasala.

6. Yee lanya, yee menye,
Yatsho kwanyikim'umhlaba,
Yaqhuqha-qhuqha yee tyhutyhe-tyhutyhe,
Yatsho yashwabanisa umhlaba.

7. Yageqa phantsi yalahla phaya,
Yafine' iintlanga kwasal' intlenge,
Kwee yokotho yekethe
Dukalala yabalala.

## *INGWE NENGONYAMA*

1. Zilo zini na ezi, madoda,
Zoyikeka ngolu hlobo ?
Maramnco mani na la, madoda,
Angaqhelekiyo ngolu hlobo ?

2. Zizinto ezimzimb' ugadalala
Kwizihlunu ezingwanzilili,
Ziinkosi zeli lizwe cwaka
Elimiwe zizilo zehlabathi.

3. Zihamba ngomzimb' ongenaxhala,
Zilale ngemizimb' epholileyo,
Zityhutyh' amahlathi zinyantsula,
Kuba zihleli ixhala zingenalo.

4. Zingagqumа yazi ke konakele
Ivakale ingwe isithi Qaruu !
Ingonyama itsho ngoHawuu !
Atsho onke amawa athelele.

5. Ingonyama yakugagana nomntu
Imkroboze ngemihlathi elukhuni,
Ize ingwe yakudibana nomntu
Imxobule ufele lokhakhayi.

6. Maramnco mani na la maDladla
Ath' enje azalane namaDladla ?
Azibonge ngengwe nengonyama
Esithi ziwaziscla ithamsanqa ?

7. Isidima nemo edumileyo
Ziziphiwo zengwe nengonyama,
Umsindo kwanalo ukhalipho
Zihleli kwingwe nengonyama.

8. Zakuvela ingwe nengonyama
Ephupheni lomntu wakwaMlambo,
Ulindela umphakamo nethamsanqa
Aliceleliwe kuQamata ngamawabo.

## *IKHAYA*

1. Khaya lam, khaya lam,
Ndihleli ndicinga ngawe,
Khaya lam, khaya lam,
Ndawoni na efana nawe ?

2. Ndiba ngahamba ndikushiye
Ndiye apho kwanothanda,
Ndicim' iintsizi ngeziyolo,
Ndihlala ndimana ndikucinga.

3. Ndingene phantsi komhlaba
Kwiindawo-ndawo zokulibala,
Kodwa kule ntliziyo yam
Ndiya kukuva sel' ukhalaza.

4. Uyaphapha ngathi unamaphiko,
Uchwechwe oku kwesela,
Undivuse sendisithi ndililolo
Undikhumbuze ngawe, khaya lam.

5. Ndiba ngathi akukho nt' inguwe,
Ulidlavu, izindlu ziwile,
Ndibuye ndikhathazwe kwanguwe
Undixelele ukuba nam ndiwile.

6. Wena khaya uyindawo enzima
Embizayo umntu seledukile,
Aze kufika seleroxoza,
Umcholis' impilo ebesel' efile.

7. Ndithi ndakuhlelwa ngamashwa
Ndikhumbule wena khayandini,
Ndikuceekise ngathi andikwazi,
Ndisonwabile ngoko khayandini.

8. Akuthethi uthule uthe tu
Khaya lam, khaya lam,
Uluyolo kwanoncuthu tu
Khaya lam, khaya lam.

# *ABAHLOBO*

1. Ndinabahlobo bam abathandathu
Abandinceda imihla nezolo,
Ndilunga njani na bengekho
Abahlobo bam abathandathu ?

2. Amehlo neenyawo nezandla,
Abahlobo bam abasengqondweni;
Ngenene bandenza ingqoshomba
Abahlobo bam abasenyongweni.

3. Amehlo andibonisa ezobu bom
Ezintle kanti nezimasikizi,
Ngezandla ndenza imisebenzi
Yokuphila kwintlalo yobu bom.

4. Iinyawo zindihambisa kweli hlabathi;
Ngaba bahlobo ilizwe lincipha ngephanyazo,
Ndilijikeleze lonke eli hlabathi.
Kungasengw' ikati aba bahlobo bengekho.

5. Ndingabalisani na amehlo ndingenawo ?
Ndiphile njani na izandla ndingenazo?
Ndizincede njani na iinyawo ndingenazo ?
Aba bahlobo bayinto yonke endinayo.

6. Ndifanelwe kukubasebenzisa aba bahlobo
Ngeyona ndlela iyakuthi indincede;
Xa ndithe ngabo ndenza okungendawo
Ndowufinca umvuzo nditshabalale.

# *UMZIMVUBU*

1. Silo sini na esi singathi ngugqoloma
Ephiphila ngomxhino phakathi kweentaba,
Size sibonakale sibusebera bumbaxara
Ngokungathi ngumth' oxhakele waqhama ?

2. Ngathi ngumlambokazi uMzimvubu
Osela amanzi eentaba zoLundi,
Uye kuwahlanza kulwandle lwasezantsi
Aginyw' aphel' apho awoMzimvubu !

3. Ihambo yalo mlambokazi inde kakhulu
Inokuwufanela nomphako wotshongo,
Iyafohloza iyikrazule iNtabankulu
Ingazoyiki neelali zamaMpondo.

4. Unomsinga onomsindo lo mlambo
Ngobubanzi bawo obungabhekele phi,
De udelwe luluntu oluninzi
Luthi yidyongo naxa uphuphuma.

5. Ubaginyile abantu abaninzi,
Wakhukhula abantu nezilwanyana,
Wathwal' iingqakumba zamatye namabibi,
Wakhothuluza uhamb' okwenkanyamba.

6. Ngumzekelo wenyok' engathandekiyo
Ebavuzela amathe bonk' abantu;
Ubehl' entloko ngendlel' engathethekiyo,
Awuzenyanyi izidumbu zabo abantu.

7. Ngokwenene uMzimvubu uneminw' emide,
Uyalihlutha inqatha emlonyeni,
Ngokutshayela isivuno siphele
Ze abantu bakhatywe yinkaw' eziswini.

8. Usisigebenga esingumyebelele,
Kodwa iqhinga lakho limke nenja,
Thina ngebhuloro sesithi nyebelele
Sikunqumle nje siwelele ngaphayaa.

## *USASA*

1. Ndikuvile ukugula kommelwane
Kusithiwa ubanjwe lusasa,
Ndazimisela ukumtyelela ummelwane,
Ndamlonga-longa egula lusasa.

2. Ndizibonele amasikizi enene,
Iziqhamo zamarewu aneengcondo,
Ududuzela umzimba ngenene
Udlomdlayo ewuxovula ngeengcondo.

3. Watyityimba umguli phantsi kwengubo
Umsebenzi wotywala obumuncu,
Irayivana yemini yezolo
Yalwa naye kwaqengqelek' ubusuku.

4. Ndema nematha ndada ndee khunubembe
Sekumhlophe ukwehla kombhevuza;
Ndawa ndivuka ngenene kuthe nethe,
Ummelwane ezingise ngokubefuza.

5. Ummelwane uhobolozele eNdawane
Ufephiwe wambetha geqe phantsi,
Ndinge ndingakhanda ndimseze ingqawane,
Kub' isisu besimcinezele phantsi.

6. Wabhinyiliza umguli kumandlalo,
Zatakatak' iingubo phezu komguli,
Ibhabhalaz' imsusa kumandlalo—
Linan' itshongwe ukumnceda umguli !

7. Lwaguny' usasa lukatsa ummelwane,
Ndabhuduzela ndiphelelwe ziingcinga,
Yaya isiya ingulo yommelwane,
Ndaziccenga ndabhenela kugqira.

## UNAPOLEON UMFRENTSHI

1. Sisinunzela noxwabiyo lwendoda
Eyaziwa kulo lonke elimiweyo,
Ngokuzibalula ngemikhwa nemisebenzi
Njengegora neNjengele enkulu
Yombuso wesizwe samaFrentshi.

2. Yazama ukuliginya lonke ilizwe
Libe phantsi kombuso wamaFrentshi,
Yaququzela isakha imikhosi
Yokulwa emhlabeni naselwandle
Ze ufezeke owona mnqweno wayo.

3. Ulekuzile wahlasela kwizizwana,
Woyisa wohlutha uNapoleon,
Wazingca ngengqondo nobukhalipha,
Waluvala urwebo lwaselwandle
Ezilambisa izizwe ze azoyise.

4. Uchukumise nesizwe samaNgesi
Wayiphatha inyoka emsileni,
Zahlangana ebezizondana eJiphete,
Yanuk' iruluwa, kwamdaka iisali,
Kubambene ingwe nengonyama.

5. Ubengazama ukugoqa ezama ukuhlanganisa,
Kanti seleyinkawu isihl' emthini ezizweni,
Ameyama amakhwenkwana aseBritani,
Watyhudisa umf' omkhulu wanyokonya
Esoyikeka ngathi unamafutha kagqoloma.

6. Amkhulela amaNgesi e*Trafalgar*
Ngohlaselo olungathi luqatha,
Elawulwa yinto kaNelsoni,
Ikhalipha nethenjwa lamaNgesi,
Elazaphulayo iinjongo zikaNapoleon.

7. Waqula waphethela oka*Bonaparte*,
Kub' ibidlal' abantwana kuy' imikhosi,
Wazimisela ukufela edabini
Angabuyi nehlazo nenyala
Njengekhalipha neqhawe emfazweni.

8. Aphind' ambeth' amaNgesi e*Waterloo*
Phantsi kweTshawe into ka*Wellington*,
Awosela ngeentonga amaFrentshi
Kwacac' ukub' inkal' ixing' etyeni,
Aphela amabhongo kuNapoleon.

## *PHAMBILI MAWETHU*

1. Sinebhongo ngesizwe esiNtsundu,
Sinegugu ngohlanga lwethu;
Sinekratshi ngomzi oNtsundu,
Sineqhayiya ngemidaka yakowethu.

2. Sinazo nathi iinkcuba-buchopho
Zokuqwalasela imicimbi edla umzi,
Sineencutshe namadoda engqondo
Okucombulula yonk' ingxaki yomzi.

3. Kufundiwe ngawo ama-Afrika
Abantwana bothuthu lwe-Afrika,
Bayibone bayixhiphula imfundo
Bayamkela ngomphakamo le mfundo.

4. Sibona izazi kunye namagqira
Azalwa yimazi yohlang' oluNtsundu,
Izilumko, abafundisi kwanamagqwetha
Abasukekileyo abantwana boNtsundu.

5. Embusweni bathabatha inxaxheba,
Kwezemfundo bebonisa umdla,
Bachophe kwizihlalo eziphakamileyo
Kwimisebenzi ephantsi kombuso.

6. Amawethu ayazihlola izikolo,
AbaNtsundu bakwahlola impahla,
Abakowethu bazizo neeProfesa,
AbaNtsundu baphicotha amatyala.

7. Phambili mawethu phambili,
Masinyuse uhlanga lwethu,
Phambili mawethu phambili,
Masiyibuyise i-Afrika yethu.

8. Masivuse abo basekobude,
Sibabonise indlela yomanyano,
Xa siphakama singabashiyi kude,
Kuba sotyumza amandla omanyano.

9. Phambili mlisela oNtsundu,
Phambili mthinjana wakuthi,
Phambili magqala aNtsundu,
Phambili zinkonde zakuthi.

# *ITORO*

1. Bathukuthela abakhokeli bezipani
Ukuzififinga iinkabi zeenqwelo,
Ophopho abatyebe bazingqebesha;
Baziqoqosha banga bayaphendla,
Zathontelana zee thinte ngakwinqwelo.

2. Urintyelo lube buphuthuphuthu,
Zalwamkela zingenabubhovu-bhovu,
Umbhexeshi wazityhuthya-tyhutyha
Kwezo mpondo zenze umbethe-mbethe;
Wada wazaba zaya ngeendawo zazo.

3. Ibe nguphehlu-phehlu ukubotshwa kwazo
Yalichele lungekho ungqaquliso,
Waphos' itewu kwangoko umkhokeli
Wazikhuza umbhexeshi zanduluka;
Zalihlonela elo zwi lidokodoko.

4. Ucuthalele umbhexeshi eklampini
Eman' ukukhonya ezibiza ngamagama,
Wazothusa ngenziniya yee nqatshi
Zayifunqula inqwelo kwelo qhina;
Zatsalisana ziyimbumba yamanyama.

5. Ziwusongile umhlaba ngephanyazo
Ziqhuqha-qhuqha zitsal' ugolokoqo,
Zee phinye-phinye kwezo drayi zinzima,
Zadiphula kuloo nkalo yentaba,
Zaxwexwema kuloo mathambeka ayo.

6. Zabekelela kuloo mathafa athe tyaba
Zenz' umngeelele zee mbo ngokololiwe,
Zanga ziyatsalwa yiforos' emaxhaka,
Zikhuthazwa kukukhwetywa sisikhululo;
Zagaleleka zahlukana nomthwalo.

# *INGXINGWA YENCOME*

1. Kweso sithili somhlaba wamaBhaca,
Kuw' amantla emdeni wesithili,
Kwezo ntaba zimatyholo aneengada
Namasimi athe tyaba kwezo ntili
Ndayibona ingxingwa yeNcome,
Umlambo ophakathi kwamaHlubi.

2. Ndenyuka kakuhle kuloo ngxingwa
Ndikhweza kumathambeka omlambo.
Ndaya kufika esinqeni sentaba
Ndinyuse loo mlambo iNcome,
Ndazibona izimanga ngezimanga,
Ubuhle bomsebenzi wendalo.

3. Ndabona ukwaphuka komhlaba,
Kwanamatye ahleli ngathi ngabantu,
Imithombo etsitsa kuloo ngxingwa
Nokuqoqwa kwamatye yindalo,
Ndahlala phantsi nditsalwe bubuhle,
Ndaphumla ndimangaliswe yindalo.

4. Ndabuka apho kuloo ngxingwa
Umlambo omanzi aewengileyo,
Iindunduma zamatye kuloo ngingqi
Ziwugqume zawuzalisa umlambo;
Ahlokoma amanzi phantsi kwamatye
Ethubeleza ngeendlela ezinqabileyo.

5. Hayi uhlaza lotyani balapho,
Ingubo entle ngokusisimanga!
Naloo manzi aphole kamnandi
Kwanempepho ephela ngokumyoli,
Ukukhala kweenyamakazi zalapho,
Nokucula kweentaka ngobuciko.

6. Ndahlala ndizikisa ukucinga,
Ndinomnqweno wokwakha kuloo ndawo
Ikuzola nobuhle bungako;
Kwathi sebe intwana yobuthongwana,
Ndazibona se ndimana ndinqwaleka,
Ndee khwaphuphu, ndakhumbula ikhaya.

## *ETHONGWANA*

1. Ndithe ndilele kwigunjana lam,
Ubusuku behlobo bupholile,
Ndazibona ndikwilizwe laseThongwana
Elibanzi ngaphaya kokuqonda.

2. Ndinge ndiyavela kwelinye icala,
Wena wabona ukuphuma kwelanga,
Ndanga ndibona isangqa esikhulu
Esivuleke saya kuma eMpelazwe.

3. Amehlo am abone kaluzizi
Ndanga ndizama ukuthungulula,
Ndinqwenela ukulibona elo zwe
Nako konke okuhleli phezu kwalo.

4. Ndinge ndiyenyuka ndiphapha ngokwentaka,
Ndingawaboni namaphiko andinyusayo;
Ndazibona ndilengalenga esithubeni,
Ndiliboneła ngasentla ilizwe elo.

5. Iinduli neentaba nemilambo,
Umsebenzi obukekayo wendalo,
Abantu nezilo kuyaluzelwa,
Ingamahla-ndinyuka emigaqweni.

6. AbaMhlophe, abaNtsundu nabeBala,
Kuphithizelwa kwiidolophu ezinkulu,
Iinkokeli zamaqumru ngamaqumru
Zilumana iindlebe ngeento zelizwe.

7. Imithetho yokulawula abantu
Kwezombuso, ezemfundo nezeLizwi
Ibibhalwe kwiincwadi ezinkulu
Ziyalulwa zizazi kunye neengqondi.

8. Imvisiswano ibiliqhalo lalapho
Phakathi kwezizwe zelo zwe,
Uvelwano ingummiselo walapho,
Izizwe ziyimbumba yamanyama.

9. Ndizibone sendiphakathi kwabo bantu,
Ndonwabile igazi likhululekile;
Ndazibona ndisisihandiba sesityebi
Esinikwa imbeko nazizigwili.

10. Sibuye sabuya isangqa sezolo,
Ndalibona elo lizwe liya lincipha,
Ndazibona ndinyuselwa phezulu
Ngaloo mandla ndingenakho ukuwachaza.

11. Sancipha sacuthalala isangqa,
Sayigquma yatshonela loo ndalo,
Ndothuka ndazibona ndiseсekhaya
Ndabuhlungu ndakuzibona ndiselihlwempu.

# *ZAKHAL' IINKUKU*

1. Ndibe ndikobentlombe ewaka
Ndiqokelela oquwe nofezela,
Ndiruq' iimfele kunye neengaga,
Ndiwungula imfungu-mfungu yamaphupha;
Ndabuva bona ubunkente-nkente.

2. Wanga ukho onditsala ngentambo
Ebotshelelwe kuye ucikicane,
Ndazithulula iindaba ngenene
Kuloo ngxowa igcina okwezolo,
Baya bukhula ke ubunkente-nkente.

3. Ndinge ndiyawushiya umandlalo
Ngokusukela iingxaki zekhaya,
Ndazibona ndiziceenga ngozwabuluko,
Kanti nene ndibuyile eThongwana;
Ndaziva ke iinkuku zikhala.

4. Zamemeza kalusizi ezi nkuku,
Zibuncamile obazo ubuthongwana;
Zazingisa ngesizungu ezi ntaka,
Zibik' ukusondela kwexesha lokusa;
Ndaziphulaphula iinkuku zikhala.

5. Zithukuthele izihlandlo ezithathu
Ziceenga-cenga zisithi makuvukwe,
Wabhinyiliza umntu kumandlalo
Wanga usengwa igazi ziincukuthu;
Kanti uvuswa ziinkuku ziyakhala.

6. Zabeth' iingcango kwizindlu ngezindlu
Yangumxhabasho ukuya kwakhonjwayo,
Ndanga ndingazinqanda iinkuku zithi tu,
Kuba kaloku izizwe zide zasabela;
Hayi azayeka iinkuku ukukhala.

7. Ikhwezi lomso zilixelile lavela,
Noms' obomvu zawukhomba wavela,
Kwacothoza ukukhanya kwangoko
Sazibulela ezi ntaka ngowazo,
Zakha zee nqumama zajonga imini.

## ISANUSE

1. Ilizwe lalimbatshile lilibi,
Limdaka, lixwebile, lomile,
Kub' iimvula zazimke kwee ewaka,
Ixesha lobusika selifikile.

2. Phambilana amehlo anakana
Isiqhu samadoda nabafazi
Sisondela kuloo ndawo ndandikuyo,
Kufuphi nezindlwana ezimbini.

3. Ndandiphumle emthunzini wonnga,
Ndiphulaphule ukutswina kwamasebe
Eyaluzeliswa ngumoya ovuthuzayo,
Owawuhamba nolophu olubi.

4. Bakudlula abo bantu kuloo mthi,
Bonde kanye kwezo zindlu zimbini,
Amadoda ambethe imibhalo,
Abafazi benezikhaka neenceebeta.

5. Bakungena kwenye yezo zindlwana
Yavakala intlokoma yezandla,
Siyavuma, siyavuma, siyavuma !
Siyavuma, siyavuma, siphosa ngasemva !

6. Ndinyebelezile ndachwechwa ndasondela,
Ndasibona isanuse simi bume,
Sibile isithukuthuku sixhentsa,
Sizama-zamana nokuchana umhlola.

7. Simisile see xha khebevu,
Sathimla, sathimla, sahlasimla,
Saphinda savumisa sicel' izandla,
Samboniswa umbulali nomthakathi.

8. Simtyumbe kwalapho ebafazini
Simana sitsiba siwisa ngakuye,
Wabonakala engcangcazela buntloni,
Wamanyonywana wada wayebe-yebeza.

9. Avakele amadoda edumzela
Emana ukuthi, "Sibe sitshilo",
Nabafazi baziva bengenakuthula,
Bamnyemba uMaMqoco ngobugqwira.

10. Kuphunyiwe kuloo ndlu kwagodukwa,
Izisongo nezithuko zinkeenkeeza;
Waqhutywa oligqwira ngaphambili,
Elekuzwa ngeempama neentonga.

11. Kumkiwe ngobungxamo obukhulu
Ukucanda elo thafa linogquthe,
Ndababona beya benzonza betshonela,
Bee sithe baphelela ngaphaya kwentaba.

# *UKUTSHILA KWABAKHWETHA*

1. Bawelile abakhwetha kuloo ntlambo
Becothoza kamnandi endleleni,
Bekhweza benxuse loo mlambo,
Benoncuthu abaluphakela endlebeni,
Zatsho zangqunga izizalwane nezihlobo.

2. Abafazi bayidindithile ingqongqo,
Amadoda anga wona angadukisa,
De kwangathi okwenene asadl' ingqondo,
Ebonakala ngeentloko ukuwisa,
Ngokulandela loo ngoma yengqongqo.

3. Bee cakatha enkundleni abakhwetha
Beqothole bazizankwankwa yimihlambi,
Beyithe jize kanobom ingcek' obukhwetha,
Beman' ukubisa nalaph' ezintombini
Ngokoyika loo mithetho yobukhwetha.

4. Liwundulule umcimbi ikhankatha,
Kwany' amathole kwangoko kuloo nkundla,
Lawuphekezela umtshilo ikhankatha,
Yatshw' ingoma yahlwabisa kuloo nkundla;
Ihlombe lamdulisa loo mkhweth' usisaqhaga.

5. Ibe nguhikihiki nentswahla enkundleni
Kubeth' unyawo ibhekuza imihlambi,
Zagontsha-gontshiza iintshinga enkundleni,
Zanga zitsazele ekwangeni imihlambi
Eyayithe phetshu itshikiza ezinqeni.

6. Uyiyizelo nemincili inge iyathululwa,
Ngenene kusika kwabo basetyhini,
Izityibelo zembongi zinge ziyaphokozwa
Nabanumzana bathelela kwabasetyhini;
Kwee xhonkxosholo bambi bafun' ukulwa.

7. Benze isizungu somxhino abakhwetha,
Kwagug' imihlambi lutshakazo nombilo,
Besukuzana kabuhlungu abakhwetha,
Imizimba yabo inkcenkceza umbilo,
Kuba kambe ithunzi babeliswele.

8. Konakala kwanyembeleka ke enkundleni,
Sakhawulezisa isihluzo kubatshili,
Yee jaju phaya yasamela enkundleni
Imbalasane nencutshe kubatshili;
Yathwal' indwe yoloyiso emtshilweni.

## *UMVANDEDWA*

1. Lindifikele ilifu elimnyama
Elitshabhise imeko elizweni,
Kwafana kwee neithi kwangen' ubumnyama,
Ndayiqalekisa intlalo yam elizweni.

2. Landintlitha-ntlitha kanobom ilizwe,
Ndabukulwa nazizo zonke izihlobo;
Yandambatha inzima yelizwe,
Ndazifumana sendityeshelwe zizihlobo.

3. Ndatyatyekwa ngezigxeko nezityholo
Nentiyano ehlwayelwa ziintshaba,
Alibubu leenyosi zamatyholo
Amayelenqe aqulunqwa ziintshaba.

4. Ndalilolo nesikhova sobugxwayiba
Ndingamazi nakancinane unobangela;
Intlebendwane nenzondo zandigxwayiba
Ndingayazanga intsusa nonobangela.

5. Ndakhedama ndilusizi kwelo zwe,
Kwamhlophe ukuba ngenene andinabani;
Intlungu neengcinga zam kwelo zwe,
Intlungu-nyembe yokuthiba ayabhaqwa bani.

6. Ndikhumbule uMenzi wam ophezulu,
Ndayinikela kwawakh' amandla ingxak' am,
Ndalulindela olo ncedo lwaphezulu
Kolithemba, ihlathi nenqaba yam.

7. Ndayinikela kuye eyam imbilini,
Indandatheko yentliziyo nomva-ndedwa,
INkosi yam yandikhulula ebubini
Yandihlangula kwisigqukru somvandedwa.

## *IMINI YEHLOBO*

1. Imini yayizole nasebukhweni bezinja,
Ilifu lingusambhaqa esibhakabhakeni,
Ilanga libonisa ubugqanga-gqanga
Bobuhle beguzu liphum' ekhasini
Ngaloo ntsasa ipholileyo yehlobo.

2. Izipani zaziphithizela emasimini,
Inguwashiywa kuphangwa umdaka,
Zivakala iifoslara zababhexeshi
Neevili zamakhuba zitswitswiza
Ngaloo ntsasa ipholileyo yehlobo.

3. Babalasela ubuhlaza bengca
Namagqabi emithi emahlathini,
Kwavakala ukukhala kwenyenzane
Nokunqanqaza kononqane ethafeni
Ngaloo ntsasa ipholileyo yehlobo.

4. Lakufudumala ilanga laloo mini
Kubonakele amafu anyukayo
Engqamekweni kwicala laseNtshona,
Athukuthukuza anga asukela ixesha,
Hleze kuthi kanti kukude ebhakubha.

5. Latshis' ilanga kanobom loo mini,
Abahlakuli babila izithukuthuku,
Iinkabi zakhephuza amagwebu,
Lavakala ifuthe lokuza kwezulu,
Yaqala impepho yanuka udaka.

6. Zavakala iindudumo zisitshw' ezantsi,
Zaya zikhula zisondela kufuphi,
Lazongoma izulu kwabaneka,
Yanga yimini yomtshat' enkosazana,
Amafu amdaka ada anzinzwa.

7. Labonakala lizile ilifu elimnyama
Liruluba ngathi kuhamba iroboshi
Edotyeni kwingca ende neyomileyo;
Zaguguma iinqwelo zakuloMazulu,
Zabonakala neefoslara zakhona.

8. Sagaleleka isichotho elalini,
Kwasab' umntu, isilo nesinambuzane,
Zaqakatha iingqakumba zamatye
Zalahla phantsi amagqabi namasebe,
Yayayatheka nempahla emadlelweni.

9. Wabonakala umtyityaba wamanzi
Nobuqaqawuli bamatye esichotho,
Imisinga yemilambo nemifula
Yafifinga okuphilayo nokufileyo,
Waba mkhulu umonakalo ngaloo mini.

# *IMBEKO*

1. Kwizinto zonke ezilungileyo
Nezihlala zihlale zifunyanwe,
Enye yazo enqabileyo
Nengafane nje ikhathalelwe
Sesi simo sithi yimbeko.

2. Ungehl' unyuka kweli lizwe
Uzingel' imbeko kwanentlonipho,
Ungad' uwele nemilambo yeli lizwe
Uxilonga intembeko nentobeko,
Hayi ke ukunqaba kwembeko!

3. Abantu bonke abase bekhulile
Akunyali ukuba ngamakhatsha-khowa,
Fika kusatshana oluse lukhulile
Womangaliswa nakukubon' iinjubaqa,
Kuba kaloku iswelekile imbeko.

4. Kophendulwana nje ngamagunya
Ngomdala naye osemncinane,
Kuphel' iintloni nokunyaniseka,
Lahl' elinothuthu umnt' omncinane.
Yatyiwa zizinja yonke imbeko.

5. Engxoxweni inene kuyalinganwa,
Esitulweni ngenyani kuxinaniswane,
Nzwanandini, buhle bekhiwane,
Qum' ihlazo kwisikhumba segusha
Ngenxa yokumka kwayo imbeko.

6. Intsulungeko imke kwaphela,
Batsho baqaqamba ke ubunikiniki.
Umntu lo ngumdiza nje kwaphela,
Nakwinjongo ngumsonto onyikinyiki;
Akukho kuthini uthengise ngembeko.

7. Onk' amashwa uqhobosha ngawo
Amathamsanqa amcekise mpela,
Ivumba lobuqaqa uziqhola ngalo,
Andithethi elomzondo limchana mpela,
Kuba bethu ulahlekwe yiyo imbeko.

8. Ukunyaniseka nenkuthalo ziidayimani,
Yatsho intlalo yesizwe yamfiliba,
Isimo esincomekayo inene yidayimani,
Intswelo-mbeko namhla-nje yintsika,
Ithe qingqi endaweni yembeko.

## *ELUGQATSWENI LWAMAHASHE*

1. Imini yayiphole kamnandi,
Isibhakabhaka naso siewengile,
Impepho nayo iphephezela
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

2. Ibonakele imiqodi yabantu,
Amahashe emibala ngemibala,
YanguMbo nomXesibe kuloo ndawo
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

3. Izibongo, amakhwelo noyiyizelo,
Kuyingxolo nemincili kwelo thafa,
Kwagilwana kunyathelwana ngabantu
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

4. Yayikho inkabi kaBhekameva
Ebiwabhuqa amahashe embalekisweni,
Ibingonwabi izulazula futhi apho
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

5. Luqaliwe ugqatso lwalo mini
Bakuphelela abanini-mahashe,
Zaqal' iimvalo zenyukela phezulu
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

6. Langena iqela lonoqal' inkundla
Lasusa izigcawu kwanombethe,
Konakala ukuza ebantwini
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

7. Lifikile ixesha leengcungela,
Amadoda axuxuzelis' izisu,
Wangqunga umfo kaBhekameva
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

8. Zikhutshwe zonke iingcungela
Ziphantsi kweenkweli zazo,
Konakala ukuhlala kwangoko
Kwelo thafa loqgatso lwamahashe.

9. Zesuka ebhantini mfondini,
Kwakhal' inqina nomfutho wazo,
Kwamdak' iisali ngenene mfondini
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

10. Zeza sezihluzana iinkabi,
EkaBhekameva ivele ngempumlo,
Wavakala "Yiza Gugu labafazi"
Ekwelo thafa logqatso lwamahashe.

11. Inkweli yento kaBhekameva
Inge iyambiza uGugu labafazi,
Wee qakatha gqi waphumelela
Kwelo thafa logqatso lwamahashe.

12. Kuchithakelwe lwakuphela olo gqatso
Yaaziincoko nondaba-mlonyeni
Eyehashe likaBhekameva,
Kaloku alitshoni lingenandaba.

## *UTYELELO LWERULUNELI-JIKELELE EMTHATHA NGAMA-28 SEPTEMBA 1956*

1. Ifikile inqwelo emhlophe
Ethwele uMnini-mhlaba,
Yalibhongo kubo abaMhlophe
Ukutyelela kwenganga kulo mhlaba.

2. Kwangenwa kwimoto emnyama,
Embala ufana nezilenzi,
Yahuhuza loo nqwelo imnyama
Nolo ndwendwe lufak' izilonzi.

3. Yasweleka imbongi loo mini,
Kub' asinto yaziwayo kwabaMhlophe;
Lwanqaba noyiyizelo loo mini,
Kuba ngumbel' enkuku leyo kwabaMhlophe.

4. Yadandalaza imiqodi yabaMhlophe
Iphahle izitalato macala;
Babonis' imbeko abo baMhlophe,
Kwaw' iminqwazi kumacala ngamacala.

5. Walamkela uMphathi-dolophu
Ngembeko nentobeko enkulu,
Walekela noMphathi-mazwana
Ngentlonelo novuy' olukhulu.

6. Ibekho neRulunelikazi,
Yaluvuyo kwisizwe esiMhlophe,
Kwaluvuyo nakumakhosikazi,
Yalibhongo kusapho oluMhlophe.

7. Kube lucwangco, kwavalwa neeofisi,
Lwaphela urwebo nasezivenkileni.
Kwaba njalo ukufika kwaloo nkosi,
Laza latshona kubaliswa ezeRuluneli.

## *EDABINI*

1. Elokubuza unobangela alivakalanga,
Kuba wonk' umzi wehliwe entloko
Sisivondoviya somlo esisuseni.
Izigeledwane aziphozisanga namaseko
Lakub' ithumbu seliyamkele ey' esiswini
Emsithweni phezu komlambo iShixini.

2. Abasetyhini bazenze amalolo iimbiza,
Badwadwasa amaphaphu ephezulu;
Othe uyathiba unge uyadebeleza,
Kub' amaGcaleka bekukade eyihlokohlile,
NamaMfengu amamkela undikho;
Kwakrazuk' ibhayi kuloo ngingqi yeShixini.

3. Amakhwenkwe la ebondleke kakuhle,
Iziphika, izigalo neziqula ziphatheka,
Ngobuntanga ebekwamabini amashum' ezilimela,
Iingxavula esezaphelelwa nayintaka;
Zenz' iinto zamehlo isikali silingana;
Konakal' ukuhlala kwingingqi yeShixini.

4. Amahlelo omabini ebengabikwa hlaba,
Amagalelo nezitoyi zingamawele,
Kwafohlwana kakubi kwalahl' ugodo,
Yanguduru, gqum, folokohlo;
Amadoda aqabuka sel'ethelela:
Ngelawo ebezama ukuyichitha-chitha.

5. Uyiyizelo nokhuthazo macal' omabini,
Kuluma, kusika ezimazini zama-Afrika,
Ibe zizikhali ezivuthisa umlilo.
Tyaph' ifike inkosi neenduna zayo
Ikhalimele ngondileko olungathethekiyo—
Zaw' iintonga laxola kuloo ngingqi.

6. Iingxwelera azibanga nakusweleka,
Kuthe tyadidi umhlaba usela igazi;
Wayikhuza eyesaqupha intlanganiso
Umhlekazi selefuthekile ngumsindo;
Wayiphanda, wayixubusha intsusa-mabandla,
Yaluxolo yabachitha-chitha iNkosi.

## *UMBIKANYE*

1. Bekutheni na kanene azabe nje,
Ubuso bube ngathi kuxonxwe ilitye,
Bube maqhuqhuva ngathi yinkamamasane,
Bube nezothe ngathi utshicelwe ngumzondo ?

2. Ath' akuthi thu kuqhiphuk' umbilini,
Az' ath' akuthula ange ungxolisiwe,
Ath' akuhleka atsho ngonkebenkebe ?
Tyaphile umlom' akhe ungakwazi ukuginy' umntu !

3. Makalale unge ungabikela abantu
Ngokufana noya phantsi koqaqaqa,
Mvuse ke uzokubona into yakho,
Buso bumnyama banayo nefithithi.

4. Akuthetha kulumeze wakumondela
Ukunyevula nezothe lomgqwaliso;
Akuhlafuna ngumfanekiso kanomasinana,
Kant' akuncuma unge ungamthuthuzela.

5. Mbi tu gqibi yena umntu lo,
Wakuzondelela ukunik' amehlo ukutya kwawo,
Kodwa inkupho yeyakhe ikhabhathi
Yenza sibuphose ngemva obakhe ubungxathu.

## *INDALO*

1. Akukhov' ukuwufeza umsebenzi wendalo
Ngokugqibela ngesidalwa esingumntu,
Wacwangcisa wakuchaka okuyindalo
UYehova uThixo wendalo yomntu;
Wayiseka wayaneka intlalo yendalo.

2. Wacamanga ngendoqo yezinto zonke,
Isisinga sokukhuleka umntu,
Esoqhinelwa emazulwini ngeenxa zonke
Zesiqhagamshelwe kumagunjana onke;
Kuye ngamnye owendalo umntu.

3. Loo mnxeba ube nayo nemigqaliselo,
Izimiselo nemithetho yolulanyelo,
Ukuze uluntu lungahlalwa sisono
Njengamhla uThixo waludala
Lwangewele alwakufanela ukufa.

4. Ligalelekile ikhalipha elikhulu
Elawadela lawanik' umv' amazulu,
Lazikhethela obalo ubukhosi obukhulu
Zelicaphule kwezo zigidi zemiphefumlo,
Lilukuhlele apho kwantshabalalo.

5. Labatyhefa bonke abakaYehova
Ngeso sono sokwaphulwa komthetho,
Lwaza lwaqala usapho lukaYehova
Lwambono-mbini de lwangxabalaza,
Lwaliphosa ke icebo likaYehova.

6. Lavel' iGora neTshawe lamazulu,
Lazenz' idini lokuhlangul' umphefumlo,
Lazinikela iLulama lezulu
Ekuwuhlanguleni engozini umphefumlo,
Zelubekho uxolelo lwezono.

## *IIMVIWO*

1. Sivakele isaziso seemviwo
Ezobhalwa ekupheleni komnyaka,
Baxhalaba abafundi neetitshala
Bakuphawula ukuba sekonakele,
Idabi elikhulu selifikile.

2. Afuqa amaphepha emibuzo
Selephala ngomxhino engajiki,
Ezambethe iindlela ngeendlela
Ukusinga kumagumbi ngamagumbi,
Ze alindele loo mini inkulu.

3. Abafundi baxhobe baphelela,
Befunda ngomonde nenyameko,
Becinga ngelo dabi linzima
Elifanele amaqhawe namakhalipha,
Wona afaka ilitye entliziyweni.

4. Ifikile imini ebityunjiwe
Qulukuzu, quzu, kwatsho kwahlangana !
Cwaka, cum, cum, dukalala !
Krwe, krwe, krwe, mhuuuu !
Lwatsh' usiba, savakala nesingqala.

5. Yabubutyikityiki i-inki ephepheni,
Waqala umlisela wadakumba kwangoko,
Wabonakala umthinjana ugevegeve,
Kwaphunywa kuya kuxhotywa kwakhona,
Kuphoziswa iinduma neengongoma.

6. Ibuye imikhosi ingxashe kanobom,
Ze idubule ngothotho lweembumbulu
Oluya kwenza utshaba ludidizele;
Yaphinda yabuyel' enkomeni,
Ikhe yayalwa yakhonjwa emkhondweni.

7. Iphelile imfazwe kwagodukwa,
Undaba-mlonyeni kusapho iyiloo mfazwe,
Eshiye izidumbu neengxwelera.
Kwahlaliwa emaxhaleni emakhaya,
Kulindwe loo mhla mkhulu wengxelo.

## *KULONTLIZIYO*

1. Kukh' ikhaya elikude ngenene,
Elihambo yezilimela eziliqela.
Abaninzi balingile ukuya kulo,
Ihambo yaphelela nganeno.

2. Kukude ngenene kokwaboNtliziyo,
Ziyasekw' iihambo zokutyelela khona,
Kub' abaninzi banqwenel' elo khaya
Lokwanelisa lincamise umxhelo.

3. Kuyaqongqothwa ngenene kudindithwe,
Kusenziwa imiphako yolu hambo;
Kuxhatyashwe baxhents' osicatyana,
Besinge kwelo khaya likaNtliziyo.

4. Kuwiwa kuvukwa ziindidi zabahambi
Zibil' izithukuthuku ngenxa yaloo mendu,
Bambi bajike bengalufezanga uhambo
Bambi baselelwe bengawufezanga umnqweno.

5. Kusemalanda-lahla kwelo ndakuqonda,
Namachule akakwazi ukufikelela.
Ukuba bekufikwa sonke ngesingaxhali,
Kub' iminqweno ifezeka ngokuthanda.

6. Kukude kanene kowaboNtliziyo,
Zingadumb' iinyawo sizam' ukuya khona,
Kodwa inene izigidi ngezigidi
Zazibek' iinqawa zingangenanga kuloNtliziyo.

7. Ndingasizwa ngubani ke ndifikelele
Zendibe sisinhanha esingaswele nto !
Okunene Ntliziyo ungumkhohlisi ngenene,
Kuba wena usithembisa ilize lodwa.

## *UNONZWAKAZI*

1. Ndaza ndalama ebudaleni bam, ma-Afrika,
Tyendyekazi libufafa madolora bethu,
De uluthi ufune ukulusa kolwabakrweliweyo,
Kanti noko yena ngowothuthu lweAfrika;
Akusondela uthandabuzele kwicala lechanti,
Uzama ukuzicutha umnika ilizwe lonke,
Uphathwe ngamanwele de umzimba urwaqele.

2. Wakumba kuthi khawubuye uphinde
Hleze mhlawumbi ude uyichole idayimani,
Umkhitha namanz' eendonga kuyavuza,
Zinqabile izitya zexabiso zokukhongozela,
Kuba eziphambi kwakhe zityityimbis' imilenze;
Kome amathe ngenene kwee khonkqo,
Ulwimi lwaqhotyoshwa lwada lwankanyangelwa.

3. Akubheka phaya kube ngathi umhlaba uyatshisa,
Nyus' amehlo ke asinguy' uthekwane,
Akubhaqeki nalunye ukhozwana lwenkobe,
Imithi yelo hlathikazi ilaliswe ngumoya,
Imenyezela ngokwekhothwe ngugqoloma;
Elo vumba layo lityumz' imithambo
Ze zon' izitya zingenwe sisifo sentliziyo.

4. Umnyango welizwi uquthwe wafaneleka,
Wavelelwa yiloo ntatyana ithe qwa,
Macal' omabini aloo ntatyana ke bethu
Sekusweleke ohlala kwezo zinxonxo,
Axhamle uyolo, uvuyo, nethemba
Elitsibe ngaphaya kokuncamis' intliziyo,
Kub' elo litye linqabileyo lifunyenwe.

5. Yintyatyambo emdubulo uqaqambileyo,
Imsulwa imi nkqo ngokubukekayo,
Ithumela ulonwabo kuw' umlisela
Ngoncumo, ngohleko nangentetho,
Ungaphoswa uthe kanti akumbonanga.
Mhle poqo de ngathi ugqibelele
Asikwazi ke kambe okukuloo magunjana.

## *INTAK' OBUSI*

1. Phulaphulani yatshw' intak' obusi
Ehlathini phakathi kwamasebe.
Ithi bukho kufutshane ubusi
Obungangawo amakhephekhephe.

2. Khawutsho ntakandini yobusi.
Uthini na xa usixokisayo ?
Watsho ngolo hlobo buphi na ubusi ?
Yitsho sive into exolisayo.

3. Tshetshe, tshe tshetshe tshe !
Yitsh' usiya ntakandini.
Tshetshe, tshe tshetshe tshe !
Asiva cacisa ntakandini !

4. Betha sive ukuba siyaphi na,
Ungathi kanti usisa esilweni,
Apho wosibeka emlonyeni wengozi,
Zesibuye singxwelerekile.

5. Uthi bubusi nokuba liramncwa ?
Tshetshe, tshe tshetshe tshe !
Yid' ubeke sibon' apho bukhona.
Tshe tshetshe tshe tshe !

6. Awu yini na le ntakandini
Eyaphiwa isiphiwo esingummangaliso,
Siyabulela ngokusizisa kule ndyebo
Yobusi obutyebe kangaka.

7. Sesophakula ngovuyo olukhulu,
Tyelele, tyelelele, tyelele !
Sikushiyele intwana yobusi.
Tyelele- -e-e-e, tyelele- -e-e !

# *UKUKHUTSHWA KWAMAKHWENKWE ESUTHWINI*

1. Ifikile imini ebikad' ixelwa
Yokukhutshwa kwamakhwenkwe esuthwini,
UMdangayi, uDyaloyi noPasonti,
UFephiwe, uBhukuxa noBhasayi,
Amadoda angoyise bamakhwenkwe,
Selegqibile ukulungiselela loo mgidi.

2. Yayifakiwe intsimbi ngaloo mini,
Imibhalo neentakamlilo zilapho,
Amadoda ahluthayo enemixhaka,
Abafazi behombe bacicibala,
Iimantile zithiwe jize ngocumse
Zaz' iiqhiya zatejiswa kakuhle.

3. Sivakele isandi sokudubula
Sisazisa ukuphuma kwamakhwenkwe,
Abaleka aya kuhlamba emlanjeni
Ikhankatha lithe chu emva kwawo;
Sabonakala isithatha somlilo
Wokutshiswa kwethonto labakhwetha.

4. Ez' ekhaya amakhwenkwe selambethe
Ezo ngubo zintsha zobukrwala,
Az' angena ebuhlanti emadodeni
KwaMnumzana uMdangayi, uSosuthu,
Aph' itheko libe lilungiselelwe khona,
Iinyama zeenkomo kwaneendywala.

5. Liqhutyiwe isiko lokuyala,
Iinkonde namagqala atheth' ophela,
Ebonisa ixabiso lobudoda
Kwanendlela yokuziphatha kwendoda,
Lalandela nesiko lokusoka
Amakrwala ngezipho ngezipho.

6. Usukile uGxidolo, imbongi,
Wee jaju, wee thawu ebhinyiliza,
Ewambethe umnweba wakhe omhle,
Wathwala isidlokolo entloko,
Wawabiza ngamagama obudoda
Ewatyibela, ewazoba, ewabonga.

7. Ekuphetheni wasingisa ebantwini,
Wakha waluma kancinane ekubongeni,
"Godukani mawethu kugqityiwe.
Silifezile isiko lakwaXhosa,
Nizivile iziyalo zamadoda,
Oya kuzidela akasayi kuze alunge."

8. "Hambani, mawethu, hambani !
Chithakalani ningade nihabele,
Iphelile loo nto sibe singayo,
Maningade zinkosi niswantsuliswe.
Godukani nibuyele emakhaya !
Ndee tshebelele, ndee tshitshilili !"

## *UKUHLOLELA UMFANA*

1. Ixukushiwe eyobulawu bamaZangwa
Yokuhlolela unyana wesibini;
Iqashiso lawa kuwo amagqala,
Izigantsontso zamadoda amabini,
Amachule kule nyewe yasemzini;
Kwajokiswa kumzi waseMazizini.

2. Bakuthi khebevu ukuchopha kweso sihlalo
Bathathw' iingqondo yintwanazana enobomi,
Bakuyilondla-londla yasiphiwa isithomo,
Yabulisa ngobubele izithwele iintloni;
Yathi yakuncuma kwee botho izinxonxo,
Yakha yathetha kwee danya ubuhle bamenyo.

3. Umkhitha wasisipili sale nzwakazi,
Nobuso bayo bayitolika intobeko;
Yenz' ezamehlo ngobuququqqu le nzwakazi,
Yazisondeza ezeyela phantsi kwempumlo;
Bamune' iintupha bathimbeka abafokazi
Sebesolwe lolo neuthu lwenkuthalo.

4. Badl' imbadu kakhulu nomninikhaya,
Indedeba eyahlutha de yanomxhaka,
Kuthi shii imfuyokazi yelo khaya,
Nabantwana bafunda bema kwanothanda;
Ikhaya labo lifume alabi naxhala
Yon' imihlambi idunduluze nasemathanga.

5. Bacele indlela ngentsasa elandelayo,
Bakhululwa njengabahambi kwakusasa,
Abekho noko amanakani ngokupheleleyo
Xa ayehlanjwa iinyawo la madoda;
Kodw' iimvalo ngale ntombi azibangakho,
Kub' ingqeqesho babeyinike ngokwaneleyo.

6. Ahambile la madoda ukuya ekhaya
Ngokwenene engayihlanganisi imilomo,
Ad' abuzisa nasecaleni kwendlela
NgoSingaye kwimfaneleko nesimilo;
Impendulo nenkcazo yayencamisayo,
Watshis' umhlaba ukunyathela loo ndlela.

7. Bagaleleka kuloo mzi wamaZangwa,
Ahlanganisana amaZangwa ngaloo ndaba,
Selevuz' izinkcwe kukuyingxamela,
De ayiva ingxelo yabo abathunywa,
Yatshw' enyongweni kuloo mzi wamaZangwa;
Elokuphetha yalelokuba kuye kucelwa.

# *EWE KE 1960*

1. Kube mfiliba ukumka kuka-1959
Ngenxa yezigigaba neziheleg u zakhe,
Banxunguphala balusizi abantu
Abatyelelwe yimivandedwa neentsizi;
Iminqweno yabo yanga ingaqalekisa
Iwunyemba lo mnyaka ka-1959.

2. Kambe ke akukho nto imbi kwaphela,
Kuba neqaqa liyatyiwa linuka,
Ibe nencasa inyama kunanjithwe,
Ibikhuzwa ivumba isahamba;
Bavuyile abanye kulo mnyaka,
Inxenye yileyo iwuncome ububi.

3. Uthe usithi sithe umsila ka-1959,
Lwabe luthukuza unwele luka-1960,
Baziqongqotha iziyolo zika-1959,
Bezikhaphela neentsizi zalo mnyaka;
Bangcamla kwezomnyaka ka-1960
Benethemba lokulunga konyak' omtsha.

4. Naye ke u-1960 akaziceezelanga
Izimboyimbo, izimanga nemihlola;
Wathabath' unyawo kratya ku-1959
Ngemikhuba nokuqubuda intlalw' entle;
Zifuqe de zafika iintlekele zika-1960,
Sakhwankqiswa laphel' elonyak' omtsha.

5. Ewe ke nyakandini ongu-1960
Kusekutsha nje sewudulise amaxoki,
Abahlebi, abangcatshi, nezigebenga,
Watsho iintlanga zahlala zigxeleshene;
Lwaphel' uxolo, uvelwano, nemfesane,
Zashenxel' iinzondo nokuphalala kwegazi.

6. Asazi nokuba singathi lahl' inqawa ngesaquphe,
Kuba soyik' ukulahl' eyethu ngophoyiyana;
Sesonyamela kwa-obu bakho ubukelem,
Kuba nawe akungondofa weli phakade;
Qhuqha upetshele ulandele abantakwenu,
Usishiye simsingasinga u-1961.

# *UTHEMBEKA*

1. Lizalisekile ithemba lamakhaya
Lokuvela kwentombi yokuqala,
Inkosazana nebhongo kwelo khaya;
Umninikhaya walutekctisa usana,
Wath' ukulubiza igama nguThembeka,
Kub' umnqweno nethemba liphumelele;
Ecamanga nokungalazi ikhazi
Elobizwa mhla yabonwa inkosazana.

2. Aqhutyiwe amasiko elo khaya,
Zafezwa nazo zonke iimfanelo,
Wakhula wabongozeka umntwana,
Wafikelela kwixabiso lokufunda
Engumntwana osiso isozeli,
Ingqondo ihluzekile izinzile,
Enenkani ethanda izwi lakhe,
Phofu uthando nenceba zivuza.

3. UThembeka ubethandwa esikolweni,
Intembeko ibivunwa apho kuye,
Kuba naxa abazali bebemxabisile,
Intentezo bebengazange bayithande,
Ukutefisa bekuthiye egazini
Ngokwazi umonakalo neziqhamo zako;
Bamakha uThembeka wathi ngqo
Kwisimo nempatho esulungekileyo.

4. UThembeka ubeliciko elizincomayo,
Engumhlobo walowo umncomayo,
Engathandi kukhathaza bantu,
Akukhathazwa avuke umnyele,
Abe yingxaki kwabanye abantwana
Umsindo umphambanise ingqondo;
Akuxola abuyele ebuntwini
Kuloo mo incomekayo nedumileyo.

5. Akungena eSinaleni uThembeka
Uye esukeka ngokusukeka esimilweni;
Ukuzithemba kwakhe okukhulu
Be kukholisa ukumthi hlwa emeveni,
Kuba ubesacinga ngokongenamava
Eseze ngobuso elizweni;
Walinyathela ilizwe selebuvuthwa,
Wasebenza ejonge impumelelo.

6. Wawelwa ngumqa esandleni
Wokucholwa litsolo letitshala,
Ilulama elide langa yindlel' enqwelo,
Inene lomfo ochubekileyo,
Elithanjiswe yimfundo laluswazi,
Nelity' amaqhosh' eebatyi zalo;
UThembeka wonwaba ethembekile,
Kwayola kobo bomi bakhe butsha.

# *UMJIKELO KAPROFESA JABAVU*

1. Undulukile kunxweme lweKapa
Ngenqanawa i-*Armadale Castle*,
Kwinyanga yesibini kowe-1928
Ukusinga kumazwe aphesheya.

2. Idadile inqwelo yamanzi,
Wangqwinda phakathi uProfesa,
Yaphenu-phenuka itsho kancinane
Yang' ingabenza bozele abakuyo.

3. Yangena kunxweme lwamaNgesi,
Waphuma uMnumzana uJili,
Wanyalambisa kwidolophu iLandani
Ethetha ngeelwimi zalapho.

4. Wee gxada kwelamaFrentshi wonwaba,
Wadlulela eVenisi yaseIthali,
Walibona ichweba laseTriste,
Wazibuka neentombi zamaTaliyane.

5. Wayibona iBrindisi neGrisi,
Waya kuthi gqi kumhlaba weJiphethe,
Yamsa intak' amanzi kwizwe ledinga,
Yaya kumhlanza kwisixeko seYerusalem.

6. Uyibonile iNtaba yeMinquma
Naloo tempile yeKumkani uSolomoni,
IGolgotha, iGetsemane neJeriko,
Wada wabona noLwandle Olufileyo.

7. Wath' eseJordane, eSamariya naseGalili,
EKapenayume, eGaza naseNtlango,
Wab' eseKhayiro, e-Itali naseParisi,
Waza walusonga uhambo kwesi sithuba.

8. Yini na le, mfo kaJabavu,
Ukugqiba ihlabathi uhleli phantsi,
Ucand' umhlaba ugqobha-gqobhe,
Utyaluselе ude utyandelane !

9. Sihandiba sini na esinje
Esihlonelwe zizo zonk' izizwe,
Sizibhija-bhije iilwimi zezizwe
Ngentetho yolwimi olunencasa ?

10. Singathini na ukuthetha ngale ndedebe.
Ikhankatha elidala lakwaNokholeji,
Elawakhupha amakhwenkwe evuthiwe
Lawatyala kumagunjana elizwe ?

11. Sikuthulel' umnqwazi, Profesa,
Uzibeke kakuhle iintambo.
Zonk' izizwe zibone umzekelo
Wodumo neqhayiya leAfrika.

12. Sixakiwe kuba ubudala abunqandwa;
Ngesisithi hlal' uhleli kweli phakade,
Zesiphile kuloo ndyebo yolwazi
Oluhleli phantsi kolo nwele lumhlophe.

# *UKUTHWESWA KWEKUMKANIKAZI YEBRITANI ISITSABA*

1. Lalizole nasebukhweni bezinja
Elokuthweswa kweNkosazana isitsaba,
Lathozama ngokwenene izulu,
Yaluxolo nakuhlanga lwezinja;
Layihlonela loo mini yesitsaba
Eyasekwa mandulo kwaphezulu.

2. Imiqodi ikekelele komkhulu,
Izihandiba zafunzela komkhulu,
Izinxiba-mxhaka zavela macal' onke,
Izinunzela zasabela kakhulu;
Zaxananaza iinqwelo macal' onke
Zifuqile ukusinga komkhulu.

3. Ayekho kambe amathwalandwe
Engahlalwa mpukane kuloo nkundla;
Zazikho neekumkani zamany' amazwe
Zingqendeve ngocangco kuloo nkundla;
Ingqanga neentsiba zayo yandileka
Yamgums' obomvu neNkosazana ngondileko.

4. Zasemafini iintetho loo mini
Zisophela izazi nezilumko;
Zathululwa iintsikelelo loo mini,
Neminqweno yolwazi nobulumko;
Yasithwaliswa isitsaba iNkosazana,
Yayamkeliswa intonga iNkosazana.

# *KWELO ZWE*

1. Phakathi kweNciba noMzimkhulu
Kuthe yala kungamaweza-weza,
Kwathi gqaba, gqaba, ngcu
Apha, apho, phaya naphesheya,
Kuloo ngubo imbala uluhlaza.

2. Imilambo apho idlal' abantwana,
Izidla ngokuxhakela kwayo,
Abantwana bangangobenja,
Omifula nozintlambo nemithombo
Abathuthela unina imisingakazi.

3. Lilizwe leziyunguma zeentlobo-ntlobo
Elimiwe ziintlanga ezimabala-bala,
Elunxwemeni lwaloo mlambo uginy' eminye
Ngamatyholo namahlathi ashinyeneyo
Nagcine iindidi zezilwanyana.

4. Asakhunjulwa amaxesha amandulo,
Oko amadoda ebequla aphethele
Ngomnqayi nangaso isiphasiya;
Akuthi mandla notshaba aluphutha-phuthe
De kutsaz' amanzi abonw' eGologotha.

5. Sewuyinto esemva kambe nawo
Ummakanqo womphako wotshongo,
Kuba abasicatyana sebedla ngendeb' endala;
Balunyulwa ziinqwelo zomlilo
Abasawabasi kwiqabaka nohlalutye.

6. Ziyabhaqeka zona izinxiba-mxhaka,
Kanti wona amahlwempu ayaphakwa,
Ilizwe aliyolanga kwaphela,
Kusatyiziswa kude kungqukrulekwe,
Kub' elokhokho selasinekelwa zizinja.

7. Impucuko nenkcubeko zezalapho
Kuloo mmandla umiwe ngama-Afrika,
Amaziko emfundo ayabafutha
Bazanelise ke de bakhabaleke,
Bexova intlama yesangomso.

8. Inkazimlo yokhanyo empumalanga
Iwavusile ama-Afrika emaqandeni,
Kufuqiwe kuxhinelw' ebhakubha;
Lurwebo kuqengqw' elingenamthunja,
Neemanyano zizal' oongxowa-nkulu.

9. Amasiko nezithethe zisalandelwa,
Neyokhokho imfuyo kwanomhlaba,
Ukunyimbinya namhlanje kuphuthile,
Sebedumele nabo bantliziyonde,
Kub' ukhanyo luqaqambise ngaphakathi.

10. Uyankeenkeeshela ngeentsikelelo namathamsanqa
UQamata ekweziphakamileyo iindawo,
Usalibambile ikhonkco lentambo
Elihlanganise amazulu nomhlaba—
Makube njalo, zekube njalo naphakade.

## *IMVULA KAMEYI KOWE-1959*

1. Izimanga ziya kumana zibonwa
Kule mihla abathi yeyelektriki;
Imihlola yomana isalanywa
Kule mihla yokuhamba kwesputniki.

2. Yini na le yenzeka ebusika
Kweli lizwe lomZantsi Afrika ?
Sidyudyudyu sani na ebusika
Esingazanga sabonwa e-Afrika ?

3. Size mayana abantu badelela,
Yana ngozolo ayabi ngakanani,
Yazondelela yee chu kwadeleka,
Zatshw' iintliziyo zahlal' emanzini.

4. Athukuthela amaqabaza esibhakabhaka
Ukubetha-betha kwigada elingumhlaba,
Lanyamela ke livela ngaphakathi.
Lisithi yimvula liyiqhele ngaphakathi.

5. Zabonakala impophoma zamanzi
Zishiya-shiyana ukuya ezintlanjeni,
Yavakala nemigqumo yamanzi
Izixela ubukho bayo emilanjeni.

6. Imisinga-singa ebaleka ngomsindo
Ngokungathi iyaliphanga ixesha,
Ithwel' amatye namabibi ngomsindo,
Izidudula nezilwanyana ngelo xesha.

7. Wakhiqika nawo umhlaba ezintabeni,
Adilika namatye aman' ukuhla,
Yangumdolomba wemisinga emifuleni
Imilambo yaziintywenka zamachweba.

8. Zadilik' izindlu, iibhuloro, nemigaqo,
Kwayinkohla ukucanda eli lizwe,
Kwem' ololiwe, oduladula, neemoto,
Yakha yee xha nemicimbi yeli lizwe.

9. Yazizigede neengxwelera emva kwemvula,
Imisebenzi yokutyhudisa kwamanzi,
Yazizililo nezijwili emva kwemvula
Ngelahleko ebangwe ngawo amanzi.

# *INYOKA UMAJOLA*

1. Lusukile udushe lwamakhaya
Kwezo ntaba ziphezu kweTsitsa,
Kwahlangana uMpondo noMpondomise,
Onyana bombilini omnye;
Lwaw' udonga apho eNgwemnyama,
Kwanuk' igazi apho eNgwemnyama,
Kwahlw' emini kwada kwankungu
Kuloo nkalo yezwe lakuQumbu.

2. Kwalile ebushushwini bemfazwe,
Kudukudwana ngayo imikhonto,
Bayosela iNkosi uMpondomise,
Imikhosi seyicele koxhongo
Ngokukhulelwa yileyo kaMpondo;
Woyisakala mpela uMpondomise,
Eshiywe elutywantsi kwalapho,
Engaziwa lolwakhe usapho.

3. Yafunwa inkosi emva kwemfazwe,
Kwafunyanwa isidumbu kuphela,
Umhlola wabothusa abemfazwe
Ukubona efukanywe yinkwakhwa;
Inamanxeba amaninzi emzimbeni
Ngokungathi iphuma edabini,
Iphilile inaloo manxebandini,
Kwamhlophe ukuba ixela isanga.

4. Akuwubona loo mbono amaMpondomise,
Ayibangela isizwe sawo loo nyoka,
Ebonise ukulwela inkosi yawo
Ngaloo manxeba akuloo mzimba wayo;
Yaza yabizwa ngokuthi nguMajola,
Isilo esikhulu samaMpondomise,
Yanikwa intlonipho nentlonelo
Lulo lonke uhlanga lwamaMpondomise.

# *UKUGWETYWA KWEMVANA*

1. Esihlalweni sokugweba yayinguPilato,
Ummeli wabo bonke ubukumkani.
Wayephahlwe liqela lamadindala,
Phambi kwakhe kwakumi uYesu,
Engumbanjwa olindele ukugwetywa.

2. UPilato wabizwa ngobungxamokazi
Kweloo gunjana lakhe lokulala,
AmaYuda sel' esitsha ziintambo,
Hleze iindimbane zabo bakaKristu
Zizame ukwenza ingxoboshane.

3. UYesu utyholwe ngokuzenza ikumkani,
Waza uPilato wambizela ebhungeni,
Wambuzisa ngabo ubukumkani
Nenyaniso awayeyizele ehlabathini—
Olo ke yayilolokuqala uvavanyo.

4. AmaYuda enza isivondoviya,
UPilato wothuswa seso sivunguvane,
Wanngenisa uYesu ematyaleni,
Wambuza ngokunikwa igunya—
Olu ke yayilolwesibini uvavanyo.

5. Umgwebi wayezama ukumkhulula,
AbaPriste bekhalitshiswe kukuthingaza,
Baluphika ugonyamelo lokugwetywa,
UYesu wachaswa nangobuGalili—
Olu ke yayilolwesithathu uvavanyo.

6. UYesu wathunyelwa kuHerode
Ongabanga nakuligweba ityala lakhe,
Labuyela kwakuye uPilato
Ongabanga nakufumana sizathu—
Olu ke yayilolwesine uvavanyo.

7. UPilato wawakhululela amaYuda
Awayemfuna ebethelelw' emnqamlezweni,
UPilato wazihlamba izandla zakhe,
Umqondiso wokuba uYesu umsulwa—
Bayibethelela emnqamlezweni iMvana.

## *WEMKA UTHANDIWE*

1. Lalimfele ilizwe uThandiwe,
Kufiphele kuloo ngqondwana yakhe;
Kwamfa-nkungu kumehlo kaThandiwe,
Buxwebile nobo buswana bakhe;
Sazingisa isizungu ngamandla,
Umvandedwa umthe wambu ngamandla
De wazimisela ukuphelela ekungazini.

2. Unge angacinga, bamphatha ubunkedama,
Wanga angaqiqa, bee mbende nobulwelwe,
Bamkhumbuza inceba yabazali bakhe
Abebeyibonisa xa agula ngumkhuhlane;
Wakha wacela-cela kuloo nto yabantwana.
Watywizisa de wagixa ngokomntwana,
Wasus' unyawo ukuya kwantliziyondise.

3. Uyiwelile imifudlana yaloo lali,
Wathambeka kuloo mageduka entaba,
Wawungcekelela ke umthwalwana wakhe
Ebengakhange awusule nomlomo,
Sona isisu sasithe nca kuwo umqolo,
Kuba nene ubengananzwanga nangubani
Ngenxa yenkohlakalo yalowo ebemgcinile.

4. Wemka mayane ngenene uThandiwe,
Walinik' umva elo khaya liswel' usizi,
Nomnikazilo wanethemba lokuphumla
Ahlukane nokhwekhwe lwentsizana;
Wang' uyamthuma ekumkeni uThandiwe,
Wang' uyamchila ngokwephupha uThandiwe,
Kuba kuye ubenezothe njengomzondo.

5. Wacamanga ngokubhenela ekuziphandeleni,
Kuba kaloku ephandel' enye yenethole.
Be linani lon' igqabi letaphile ngelo khaya
Awalifulathela walishiya ngokulicekisa.
Umlilo welo khaya ubungazanga waphela,
Ze isihogwana selo khaya singe siyavutha.
Abekwe ityala naxa yena amsulwa,
Ze isihogwana selo khaya sidle sihluthe.

## *NGOMFI UEZRA W. M. MESATYWA*

1. Ndivumeleni mawethu khendithethe,
Ndikhululeni zinkosi khendibonge,
Ndiyekeni bakwaJola khendibhude,
Ndibhodl' ubuhlungu ndide nditebeleze,
Ndithukuthele ukugixa ndide ndilile,
Ndozele ndilale de ndiphuphe.

2. Kuthi mandibhibhidle ngalo mfo wakwaJola,
Nankw' elele waphumla de wazola,
Akuvumi ukuba ndithule tu ewaka
Ndingavakalisi udaba kulo uhlanga
Ngale nzwana eli thole lalo uhlanga,
Ekheth' ukuzimela lungazanga uhlanga.

3. Yini na le yehlel' umz' oNtsundu,
Lif' elimnyama elifikel' umz' oNtsundu ?
Dano luni na olu lukhoyo mawethu,
Esi sigqukru sigubungel' iintliziyo zethu
Ngelahleko yenkokeli yethu mawethu ?
Khaniyisompe magqala neenkonde zethu.

4. Lib' ikhwele makaxhonywe okaMesatywa,
Phants' umona makancony' okaMesatywa;
Usimele isizwe sethu ngohlonipho,
Wasilwela isizwe sethu ngokhalipho
Kugocagoco lwentetho yasemaXhoseni,
Kuphicotho lolwimi lwasemaXhoseni.

5. Ithini na iNxukhwebe ngalo Mfi uEzra,
Yen' uNokholeji ngetyendyana uEzra ?
Ayithanga thaa na imisebenzi kaEzra
Ayidulanga na kuni imikhwa kaEzra ?
Thethan' inene icala libe linye,
Akukho ntaka inokubhabha ngephikw' elinye.

6. Bebukubani na ubunzulu besiXhosa ?
Bezikubani na iimviwo zesiXhosa ?
Engekh' uEzra bekunyembeleke kwaphela;
Engekh' uEzra bekusengw' ikati kwaphela;
Ubeyintshatsheli nechule lesiXhosa,
Engumbhali kwanomhleli wesiXhosa.

7. Umthinjana nomlisela uyamazi,
Izikolwana neesinala ziyamazi,
Iivenkilana zeencwadi ziyamqonda,
Amaqumru emfundo ayamkhumbula;
Lon' iSebe leMfundo lithe zole,
Neencwadi zakhe zazila zathi zole.

8. Ndingathini na ukucacisa ngale ndedeba,
Ithamba lomfo wakwaMajola ?
Owatyunjwa kanti kuhlatywa kukhangelwe,
Waza wathenjwa kanti kuchanwe ucwethe—
Ma ndiyeke kuthethe abamaziyo :
Yen' uphumle kwelo zulu limaziyo.

9. Simthulela iminqwazi okaMphankomo,
Zixoliseni sizukulwana sikaMphankomo,
OkaMesatywa uyihlahlile yon' indlela,
Olo gqatso lwakhe walufeza ngendlela.
Musan' ukugwala noyik' ukulala ngenxeba,
Umphumzile uSomandla, makaphol' amanxeba.

